basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

CANZIBE/SILIMELA 2026

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Esinaleni√/eBlythswood.√ (1)

1.1.2 Ityhila ukuba wayengakwazi ukucinga nokuqonda izinto ngokupheleleyo√√/ukuba ingqondo yakhe yayingasebenzi kakuhle√√/ ukuba wayengekho zingqondweni.√√ (2)

1.1.3 Osicaba.√ (1)

1.1.4 Kungokuba uNomakhwezi uve ngoNozililo ulwimi lokuba uLungile uhamba ezihotele namanenekazi.√√ (2)

1.1.5 Lifanelekile, kuba ube lithamsanqa kusapho lomntakwabo uLungile kuba bathe sele beswelekile uLungile noNomakhwezi umzi wabo namashishini abo anda, nonyana wabo uMpumelelo akabiyiyo inkedama kuba ube nguyise ngandlela zonke√√/kuba waba nethamsanqa lokwabelwa kwilifa lakwaNtsibande.√√ (2)

1.1.6 Bubuxoki, kuba nguLungile owathenga ivenkile kuMosia.√√ (2)

1.1.7 Kunjalo, kuba uNozililo noNtongana benza iinzame zokulwela ukuba ivenkile uLungile ayithenge kuMosia ibe yeyabo kuba besithi iselungelweni labo√√/kuba usapho lwakwaMakhwetshu luzama ngandlela zonke ukufumana ivenkile yakwaNtsibande ngobuqhopholo.√√ (2)

1.1.8 UYolisa akanelanga nje ukuba sisandla sikaNomakhwezi koko uphele edlala indima yokuba ngumama kaMpumelelo ngexesha engasenabo abazali.√√ (2)

1.1.9 Wesithathu.√
Yena.√ (2)

1.1.10 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba ingamahla ndinyuka obomi bukaMpumelelo othi enabazali kukuhle ebomini bakhe, suka basweleke ngesiquphe asale eyinkedama kodwa ngokunyamezela imfundo, liphela ibali engugqirha ophume izandla.√ (2)

ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Sesokucela ukudanisa noMpumelelo.√ (1)

1.2.2 Yeyokuba aphantse ukuhlatywa nguZet olisoka leli nenekazi emva kokuxambulisana naye.√√ (2)

1.2.3 Ngowesandi seenyawo ezingaphakami kuyaphi emhlabeni ezimana zisenza intshukumo eya phambili kancinci zibuye zijike.√√ (2)

1.2.4 Esokwakhiwa kwecandelo labanezigulo zasengqondweni√√/esokuba kubekho ugqirha oyinkcutshe kwizigulo zengqondo.√√ (2)

1.2.5 Kunjalo, kuba wathi nangona ephethwe kakubi nguNomakhwezi emtyhola nangokuba izinto zevenkile aphise ngazo ebantwini kodwa waqhubeka emncedisa evenkileni.√√ (2)

1.2.6 Yeyokufuna ukujonga ukuba ivenkile yatshintshelwa ngokusesikweni na kwabakwaNtsibande√√/yeyokuqinisekisa ulwazi awayesithi uNozililo unalo olokuba laa venkile isabhalwe ngoMosia, ngoko ke ililungelo labo.√√ (2)

1.2.7 Kunjalo, kuba uThembisa wafumana inkxaso nethuba lokufunda kakuhle, waza ngenxa yoko waqhubela phambili kwizifundo zakhe de wangugqirha.√√ (2)

1.2.8 Kunjalo, kuba ukuthobela kwakhe uThamsanqa kwenza ukuba aye eLusikisiki waziswa kubantu bakhona, nto leyo eyenze kwalula kuye ukuthatha isigqibo sokuya kuphangela khona, laqaqamba ikamva lakhe√√/kuba kwenze ukuba azihloniphe izigqibo zikaThamsanqa malunga namashishini ze oko kwenza ukuba akhule ngenxa yesakhono sakhe.√√ (2)

1.2.9 Sifanelekile kuba sinentsingiselo yokuba kubamnyama phambi kokuba kukhanye loo nto siyibona xa uMpumelelo ethe waba namahlandinyuka ebomini bakhe kodwa ekugqibeleni waphumelela.√√ (2)

[35]

UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 KwaLinda√ (1)

2.1.2 Atyhila ukuba uLinda uyagqwesa ekukhetheni nasekunxibeni iimpahla ezimfanelayo nezikudidi oluphezulu.√√ (2)

2.1.3 Osicaba.√ (1)

2.1.4 Ngowokuba uHlobo kuphando alwenzayo ufumanisa ukuba ubungqina abufumene kwaLinda banele ukuba angambamba, abeseluvalelweni de kufike umhla wokuxoxwa kwetyala.√√ (2)

2.1.5 Lifanelekile kuba ube nawo umonde wokulinda umtshato awayethenjiswe ngawo sisithandwa sakhe esinguEddie nakuba ithuba lalilide engade asifezekise eso sithembiso uEddie.√√ (2)

2.1.6 Bubuxoki, kuba nguLinda owabanjelwa ukubulala uEddie√√/kuba ngamalungu ase*Moonglow Night Club* abanjelwa ukubulala uEddie√√/kuba uLulama wasweleka ngemini enye noEddie.√√ (2)

2.1.7 Kunjalo, kuba uHlobo ongumcuphi uphanda ngokubulawa kukaEddie noLulama babe ababulali abangamalungu ase*Moonglow Night Club* esenza konke okusemandlelani ukuba angabanjwa.√√ (2)

2.1.8 USajini Ngqondi nguye oye wachazela uHlobo ngoNkosikazi Hobe engekadibani naye, noHlobo wambona njengomntu osele ekhulile nongqathugqathu, oko kwachaphazela uphando lukaHlobo√√/nguye oxoxele ukuba sikhatywe isicelo sikaLinda sebheyile√√/kuba ungomnye wamapolisa abekho kwangosuku lokubanjwa kukaLinda kwaye uyinxalenye yeli tyala.√√ (2)

2.1.9 Wesithathu.√
Yena.√ (2)

2.1.10 Yinoveli yophando√ kuba umcuphi onguHlobo uphanda isishiqi sokubulawa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√ (2)

ISICATSHULWA D

2.2 2.2.1 Sesokungxamela ukuphakamisa ukuba inkundla isikhabe isicelo sebheyile esasicelelwa uLinda ligqwetha lakhe.√ (1)

2.2.2 Yeyokuba ubungqina obabusebuqokelelwe babunokutshatyalaliswa lula nguLinda xa wayenokukhutshwa ngebheyile kuba babungomelelanga kakhulu.√√ (2)

2.2.3 Ngowelahle eligqunywe luthuthu elingabonakali ngokucacileyo ukuba lisenomlilo.√√ (2)

2.2.4 Esokuba kufumaneke intetho eshicilelweyo yamalungu ase*Moonglow Night Club* esongela uEddie ngelithi aza kumsusa njengokuba engafuni kuthengiswe intsangu kwishishini labo√√/esikhokelele ekubanjweni kwababulali bakaEddie.√√ (2)

2.2.5 Kunjalo, kuba uthe akungabuyi uLinda emva kokubanjwa wazidina wayokuqonda kuHlobo ukuba kuqhubeka ntoni ngoLinda√√/kuba uye wafunela uLinda igqwetha engathunywanga mntu kuba ezondelele ukuphuma kukaLinda√√/yanguye yedwa owaya kuvelela uLinda entolongweni nasenkundleni yamatyala yayinguye yedwa ohleli kwicala lezihlalo zabo babexhasa uLinda.√√ (2)

2.2.6 Yeyokukrobisa abafundi bebali kweyona ngxaki iza kuthungela lonke ibali ekukuphanda oyena nobangela wokukufa kwabo√√/yeyokuba ilibali lophando ngoko ke kufanele liqale ngesiheleku esingunobangela wophando.√√ (2)

2.2.7 Kunjalo, kuba uve ngoJoe ukuba uEddie Maga wayene*tape recorder* ethe yaba luncedo kuphando lwakhe.√√ (2)

2.2.8 Kunjalo, kuba uphela ebanjelwa ukubandakanyeka kwiyelenqe lokubulawa kukaEddie, kuba exhasa imbono yokuthengiswa kwentsangu e*Moonglow* nawayeyibona njengendlela yokwenza imali eninzi lula, nto leyo uEddie yena wayechasene nayo.√√ (2)

2.2.9 Sifanelekile kuba amalungu ase*Moonglow Night Club* ayecinga ukuba azisithelise ngokulahla umkhondo akuba ebulele uEddie, kodwa ubungqina obukhomba kuwo bavela ze abanjwa.√√ (2)

[35]

UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 EMtata.√ (1)

3.1.2 Atyhila ukuba uneemfihlo ezizakhe neentombi zakhe√√/ukuba unezinto ezaziwa nguye neentombi zakhe kuphela.√√ (2)

3.1.3 Osicaba.√ (1)

3.1.4 Kukuba uThandabantu wayewabona njengobudoda bakhe la mashishini ngoko ke engavumelani noMamTolo ukuba athengiswe.√√ (2)

3.1.5 Lifanelekile kuba walithiywa ngabantu baseNtshiqo ngenxa yobubele, uthando nobuntu bakhe.√√ (2)

3.1.6 Bubuxoki, kuba wasweleka kwingozi yebhasi evela kudlala ekhwele nabanye abantwana besikolo.√√ (2)

3.1.7 Kunjalo, kuba umona wabo ngempumelelo kaThandabantu ubangele ukuba basasaze ubuxoki bokuba uthwele ngenyoka baze bakholelwa ngakumbi kwakusweleka unyana wakhe okwenze abantu baseNtshiqo bamjikele.√√ (2)

3.1.8 UMaRhadebe nguye ozele uMonwabisi, waze akubhubha wasala ekhuliswa nguThandabantu noMamTolo, yanguye ohlangula amashishini kaThandabantu.√√ (2)

3.1.9 Wesithathu.√
Yena.√ (2)

3.1.10 Yinoveli engemiba yentlalo√ kuba idakanca iingxaki zentlalo phakathi kwabantu ezidalwa ziinkolelo zabaNtsundu ezimalunga nokuthwalela ubutyebi√/kuba idandalazisa uxanduva lobuzali entlalweni√/kuba idandalazisa ukuba ubuntu busisiseko sentlalo.√ (2)

ISICATSHULWA F

3.2	3.2.1	Sesokuba wayeyokukhangela uNobuntu.√	(1)
	3.2.2	Yeyokusokola kwaye aphangele nangeempelaveki√√/yeyokungavani noyise womntwana wakhe nto leyo emenze wasokola ngakumbi.√√	(2)
	3.2.3	Ngowomntu oxhwalekileyo obonakala engakwazi ukuzinceda kwintlupheko akuyo.√√	(2)
	3.2.4	Sesokungaqhubi kakuhle ezifundweni√√/sesokuyeka isikolo phakathi√√/ sesokukhulelwa kukaHlubikazi.√√	(2)
	3.2.5	Kunjalo, kuba zange abonakalise nkathalo, wava amantyontyelo okuba makabalekise ibhasi, nto leyo ekhokelele ekuweni kwayo, kwaze kwabhubha uGcinumzi, abanye abantwana besikolo bonzakala kakhulu.√√	(2)
	3.2.6	Yeyokuba alambe azokubuyela ekhaya akutyiwa yindlala.√√	(2)
	3.2.7	Kunjalo, kuba kwaphuhliseka isakhono sakhe sokuphatha amashishini nto leyo emncede kakhulu xa sele amashishini kaThandabantu enikezelwe kuye ukuba awalawule.√√	(2)
	3.2.8	Kunjalo, kuba abasebenzi bakhe bamshiya akubaphatha kakubi bayokusebenzela amanye amashishini abanye bazivulela awabo oko kwenza axhomekeke kubasenzi abatsha, aphela edodobala.√√	(2)
	3.2.9	Sifanelekile kuba sihambelana nolonwabo oluziswe nguMonwabisi kusapho lakwaSihlunu nakubahlali ngokubanzi kuba waveza amathuba emisebenzi ngamashishini akhe.√√	(2)
			[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Emzini kaNdila.√ (1)

4.1.2 Atyhila ukuba ungumntu ozithembileyo ngokukwazi ukuziphindezela emntwini.√√ (2)

4.1.3 Osicaba.√ (1)

4.1.4 Ngowokuba ufuna ukuhlohla uNdila ukuba aziphindezele kuMawonga.√√ (2)

4.1.5 Lifanelekile, kuba ube yimfuneko kuNdila kwiyelenqe lakhe lokuziphindezela kuMawonga ngokufihlakeleyo.√√ (2)

4.1.6 Bubuxoki, kuba ekupheleni kwebali kuyavela ukuba nguMawonga owabhala igama likaNdila kwimvulophu eyayifunyaniswe ukuba inetyhefu embuleleyo.√√ (2)

4.1.7 Kunjalo, kuba uNdila wenza imizamo yokweyelisela uMawonga kumgibe wotywala kuba enengqumbo ngakuye ngelithi nguMawonga omgxothise emsebenzini.√√ (2)

4.1.8 NguMaziko ophembelela impixano ephakathi koNdila noMawonga.√√ (2)

4.1.9 Abalinganiswa bayazithethela.√
Kukho izalathisi zaseqongeni.√
Yahlulwa ngokweendima nemiboniso.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.1.10 Ngumdlalo oyintlekele√ kuba esiphelweni sayo kubhubha umlinganiswa onguMawonga√/kuba uNdila ugwetywa intambo kwaye uFuneka noZanele bayabanjwa.√ (2)

ISICATSHULWA H

4.2	4.2.1	Kukuxoxwa ngokunxila kukaMawonga Loni esikolweni.√	(1)
	4.2.2	Uphele engafumani xesha lokuhlala nomyeni wakhe kuba elala apho ahlwelwe khona acholwe nasesitratweni√√/uphele sele kufuneka emana ebhatala amatyala kaMawonga otywala√√/uphele eba ngumhlolokazi.√√	(2)
	4.2.3	Ngowentaka etyityimbayo itshaluza ngokungathi iyaqhayisa.√√	(2)
	4.2.4	Esokuba aphelelwe ngumsebenzi√√/esokuba angaluhoyi usapho lwakhe√√/esokuphelelwa sisidima ade acele utywala nakubantwana awayebafundisa.√√	(2)
	4.2.5	Kunjalo, kuba usebenzisene noNdila kwiyelenqe lokuziphindezela kuMawonga√√/kuba nguye oze necebo lokuba siye kulahlwa emfuleni isidumbu sikaMawonga.√√	(2)
	4.2.6	Yeyokucebisa uThandiwe ngeendlela zokuchitha ubudlelwane bukaZanele noMawonga bokuthandana.√√	(2)
	4.2.7	Kunjalo, kuba uZanele uzibone esiba yinxalenye yeyelenqe likaNdila oncediswa nguFuneka, waze waphela ebanjelwa isityholo sokubulala uMawonga.√√	(2)
	4.2.8	Kunjalo, kuba isigqibo sentlanganiso sibe sesokuba uNdila arhoxe emsebenzini.√√	(2)
	4.2.9	Sifanelekile, kuba sibhekiselele kumazwi kaMawonga athi sele enqandwa lusapho lwakhe malunga nokuziphatha kwakhe, ame ngelithi, 'ndiyekeni'.√√	(2)
			[35]

UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi

ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 Kwihotele kaThambolenyoka.√ (1)

5.1.2 Atyhila ukuba ungumntu okhohlakeleyo ongayidaneliyo into embi ayenze emntwini√√/ukuba akabakhathalele abanye abantu xa engasazi kuzuza mali ngabo.√√ (2)

5.1.3 Osicaba.√ (1)

5.1.4 Ngowokuba uNoyongo wayemchukusha uKuku√√/ngowokuba uNoyongo wayemana emangalela uKuku kuThambolenyoka ngelithi ugxuphuleka ezintweni ezikude kunaye.√√ (2)

5.1.5 Lifanelekile, kuba uZanoxolo zange asilandele isigezo sikaDina xa wayesenza iinzame zokuba kubekho uxolo phakathi kwabazali bakhe noDina√√/kuba waye wamnqanda uDina ukuba angathatheli umthetho ezandleni zakhe mhla wayebhaqe incula emotweni yakhe.√√ (2)

5.1.6 Bubuxoki, kuba abantwana wabashiya kokwabo.√√ (2)

5.1.7 Kunjalo, kuba uThambolenyoka uzimisele ukukhulisa ubutyebi bakhe ngokuxhaphaza abantwana abangamantombazana, abe uDina efungele ukuzitshabalalisa zonke ezo nzame zakhe zingcolileyo ngokwenza iinzame zokuba abanjwe.√√ (2)

5.1.8 NguSajini Gxalaba osebenzisene noDina kwiinzame zakhe zokuba uThambolenyoka abanjwe.√√ (2)

5.1.9 Abalinganiswa bayazithethela.√
Kukho izalathisi zaseqongeni.√
Yahlulwe ngokweendima nemiboniso.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.10 Ngumdlalo oyintlekele-siyolisi√, kuba kuyo kuxhatshazwa abantwana abangamantombazana ngokwesondo, batyiswa iziyobisi, bathengisiswe nemizimba nto leyo imbi neyonakalisa ikamva labo kodwa iphela umenzi wobubi onguThambolenyoka egwetyiwe ngezenzo zakhe.√ (2)

ISICATSHULWA J

5.2	5.2.1	Kungokuba bafuna ukumazi ukuba ungubani.√	(1)
	5.2.2	Yeyokuba uphele uThambolenyoka ecinga icebo lokumbulala ngokumthumela ngoMkhefa noSdokhwe.√√	(2)
	5.2.3	Ngowabantu abenza izinto ngendlela ebonisa ukungakwazi ukusebenzisa ingqondo.√√	(2)
	5.2.4	Esokubhukuqa nemoto ibatyekeze aze uDina abophule amadolo ngentsimbi.√√	(2)
	5.2.5	Kunjalo, kuba akazange anyaniseke kuDina malunga nomsebenzi awayesithi umfunele wona ehotele.√√	(2)
	5.2.6	Yeyokukhusela ubomi bakhe kuba wayesiva ukuba abasebenzi bakhe bafunyanwa bebulewe.√√	(2)
	5.2.7	Kunjalo, kuba eKapa wafumana umsebenzi nomtshato, batsho batshintsha ubomi bakhe.√√	(2)
	5.2.8	Kunjalo, kuba bathi bakumbona ootitshala bakhe ukuba akaphilanga, nemeko owayekuyo bambalekisela esibhedlele, nto leyo yasindisa ubomi bakhe.√√	(2)
	5.2.9	Sifanelekile kuba sibhekisa kooNoyongo abathe bakube bexhatshazwe nguThambolenyoka bajika bancedisana naye ekutshabalaliseni ikamva labantwana abangamantombazana, baba njalo bafana naye ngezenzo zenkohlakalo.√√	(2)
		AMANQAKU ECANDELO B:	**35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

'THATH'IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL Ngewu

6.1 6.1.1 EGqaqhala√/kuTsolo.√ (1)

6.1.2 Ukuba lisuke nje labaxelela ukuba kukho abantu abathakathayo√√ (2)

6.1.3 Osicaba.√ (1)

6.1.4 Ngowokuba abafana baseGqaqhala bekhalazela ukuba uKhuthala ethatha ixesha elide ukuvusa izidumbu zabantu babo ebethembise ukuba uza kuzivusa ekufeni.√√ (2)

6.1.5 Lifanelekile, kuba wafuduka ebaleka ukuphendula umbuzo wokuba bade bavuke nini abafana baseGqaqhala ababhubha engozini kambombela.√√ (2)

6.1.6 Bubuxoki kuba abafana bayiboleke esirhoxweni intsontela.√√ (2)

6.1.7 Kunjalo, kuba kungquzulana amaqela abantu abaneenkolelo zokuthakatha kunye nabakholelwa ukuba abukho ubugqwirha√√/kuba kukho iqela labantu abakholelwa ukuba izinto zobugqirha nentwaso zizinto zobumnyama nokugula ngengqondo kunye nabakholelwa ukuba ikho intwaso kwaye amagqirha anamandla okwenza izinto ezingenakwenziwa ngabanye abantu.√√ (2)

6.1.8 Nguloo mfana owacela uncedo olukhawulezileyo lokuhlangula izankondekazi ezaziphoswe ezantsi eliweni ngabafana baseGqaqhala.√√ (2)

6.1.9 Wesithathu.√
Yena.√ (2)

6.1.10 Libali elifutshane√, kuba linabalinganiswa abambalwa√/umxholo mnye ngokweenkolelo nokukholwa√/impixano ekhoyo yeyangaphandle kuphela√/iziganeko ziyaqupha√/kusetyenziswa amagama ambalwa aqulethe okuninzi√/libhalwe ngokohlobo lweprozi√/ibali lithululwa ngumbhali.√ (2)

'KANTI ANDIZENZANGA!' – EZ Guqa

6.2 6.2.1 Wayeyokufuna ukuba umfundisi amncede angagxothwa unyana wakhe elalini√/wayefuna ukuba umfundisi athethelele unyana wakhe njengoko engumntu owazi ilizwi likaThixo.√ (1)

6.2.2 Uphele ephulukana nonyana wakhe kuba kufuneke elifulathele ikhaya uMntuyedwa.√√ (2)

6.2.3 Ngowomntu owamkelwa ngabantu ngendlela ebonisa ububele nothando.√√ (2)

6.2.4 Sesokuba aphele ethanda imisebenzi eyenziwa ngabantu ababhinqileyo, angayithandi eyabantu basebuhlanti√√/sesokuba aphele ethanda isinxibo sabantu ababhinqileyo, alinganise nezimbo zabo.√√ (2)

6.2.5 Kunjalo, kuba ebemxhasa kwaye emthanda unyana wakhe ngohlobo alulo akakhange afune ukuba atshintshe kwisimo sakhe kuba esiva ifuthe labantu basekuhlaleni√√/kuba uye wamthanda wamxhasa uMntuyedwa akahambisana noxinzelelo lwabantu baseSikhobeni lokufuna ukuba azitshintshe kwindlela athi udalwe ngayo.√√ (2)

6.2.6 Yeyokukhusela amakhwenkwe angabantwana bawo ekosulelweni zizimbo zobufazi awayesithi zenziwa nguMntuyedwa kwaye azifanelekanga.√√ (2)

6.2.7 Kunjalo, kuba ukuba wayengahambanga wayesenokubulawa kuba abantu babengamfuni√√/kuba ukuqhubekeka kwakhe ahlale eSikhobeni kwakuza kumnyanzela ukuba aphile ubomi angabufuniyo nawayesithi akabudalelwanga, ubomi bokuba yinkwenkwe.√√ (2)

6.2.8 Kunjalo, kuba akabanga naye ummeli kwiintlanganiso zamadoda, ke ngoko akanikwa thuba asuka athatha izigqibo ezikhulu ngonyana wakhe ngaphandle koluvo lwakhe, oko ke ikukumxhaphaza√√/ kuba ngenxa yokuba engumfazi akabizwanga ezintlanganisweni zamadoda, ke ngoko waxhatshazwa ngokwasemoyeni ngokuthathelwa izigqibo eziyichaphazela kabuhlungu impilo yakhe, umzekelo ukugxothwa konyana wakhe ekuphela kwakhe.√√ (2)

6.2.9 Sifanelekile, kuba sithi 'Kanti Andizenzanga' mazwi lawo angakaMntuyedwa ongumlinganiswa othi aphatheke kakubi de agxothwe ekuhlaleni kuba kusithiwa unezimbo zobufazi, abe esithi yena udaliwe akazenzanga.√√ (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

7.1 7.1.1 Ichule√/ingcali√/inkcutshe√/ingcaphephe.√ (1)

7.1.2 Yimfano zandi√, kukugxininisa uluvo olubekwa yimbongi malunga nembongi yomthonyama√/kukudala isingqisho√/kukwenza umbongo uvakale bungoma√/ulwimi luphale xa uwufunda√/udala undindwano.√ (2)

7.1.3 Lumelo sikhamiso√, luhlanganisa iingcinga√/luncedisa ekwakheni ukundindana kombongo.√ (2)

7.1.4 Kukuba ngumdibanisi phakathi kwabantu abaphilayo nabo bangasekhoyo.√√ (2)

7.1.5 Yeyokuba imbongi ayithethi nje yonke into engenamsebenzi, iphalaza oko ikuthunyiweyo.√√ (2)

7.1.6 B√/B imbongi yomthonyama√/imbongi yomthonyama.√ (1)

7.1.7 Kukugxininisa ukuba imbongi yomthonyama iyahluka kwabanye abantu ngokwendlela enxiba ngayo.√√ (2)

7.1.8 Kukuba azininzanga iimbongi zomthonyama kuba iimbongi zinikwa isiphiwo sokubonga ngabaphantsi.√√ (2)

7.1.9 Ngowokuba imbongi yomthonyama ingumntu okhethekileyo ebantwini nonesiphiwo sokubona izinto ezingabonwayo ngabanye abantu√√/ngowokuba imbongi yomthonyama inendlela yokunxibelelana nezinyanya ifumane imiyalezo eza kubantu abasaphilayo esizweni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.1.10 Ngumbongo-nkcazo√, kuba imbongi ichaza ngokubanzi iimpawu, imisebenzi, nokubaluleka kwembongi yomthonyama kwisizwe.√/ Ngumbongo oncomayo√, kuba imbongi incoma imisebenzi yembongi yomthonyama esizweni, inkangeleko, nokuziphatha kwayo.√ (2)

KUNYE

7.2 **'KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU?' – T YAWA**

7.2.1 Yimbudumbudu eqhubekayo.√
Yinkanyamba etshayela ilizwe.√ (2)

7.2.2 Kuthiwa bumke nezandawana.√ (1)

7.2.3 Ukutsala iingqondo zabantu bakhumbule uxolo okaMandela ebelutyala√√/ukugxininisa ukuba uMandela ebengumntu ofundisa nobethelela uxolo.√√ (2)

7.2.4 Sichanekile kuba abathengi bafaniswa neekati ngokuhamba ngokuchwechwa kuba besoyika benexhala lokuphangwa.√√ (2)

7.2.5 Umqolo wama-21 wakhiwe ngamagama amane kanti owama-22 wakhiwe ngamagama amathathu.√√ (2)

7.2.6 Kufanelekile kuba sihambelana nomxholo wombongo uwonke ochaza ukungalungi kwentlalo eMzantsi Afrika, ngenxa yobubi obenziwa ngabantu.√√ (2)

7.2.7 Ngowomntu obawela into kakhulu de kuhle izinkcwe emlonyeni.√√ (2)

7.2.8 Iphumelele kuba lo mbongo uthetha ngokonakala nokungaphilisani kakuhle kwabantu baseMzantsi Afrika kwaye usivezele zonke izinto ezibonakalisa izinto ezonakalise ilizwe.√√ (2)

7.2.9 Yeyokuba akufunekanga silahle indlela yobuntu malunga nokuziphatha kuba oko konakalisa ilizwe liphela.√√ (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70